Downloaded from Stanmorephysics.com


**IMIYALELO NENGCACISO**

1. Eli phepha lemibuzo linamaCANDELO AMATHATHU:

| | | |
|---|---|---|
| ICANDELO A: | Uvavanyo lokuqonda | (30) |
| ICANDELO B: | Isishwankathelo | (10) |
| ICANDELO C: | Izakhi nemigaqo yokusetyenziswa kolwimi | (40) |

2. Phendula YONKE imibuzo.

3. Qala ICANDELO NGALINYE kwiphepha ELITSHA.

4. Krwela umgca ekupheleni KWECANDELO NGALINYE.

5. Nombola iimpendulo zakho ngokuchanekileyo ngokwendlela yokunombola esetyenzisiweyo kwiphepha lemibuzo.

6. Shiya umgca emva kwempendulo nganye.

7. Qwalasela ngokukodwa upelo nolwakhiwo lwezivakalisi.

8. Iingcebiso malunga nolwabiwo lwexesha:

| | |
|---|---|
| ICANDELO A: | Imizuzu engama-45 |
| ICANDELO B: | Imizuzu engama-20 |
| ICANDELO C: | Imizuzu engama-55 |

9. Bhala ngokucocekileyo nangokucacileyo.

Downloaded from Stanmorephysics.com



## ICANDELO A: UVAVANYO LOKUQONDA

### UMBUZO 1

1.1 Funda esi sicatshulwa singezantsi uze uphendule imibuzo elandelayo.

**ISICATSHULWA A**

**KHETHA IKHARIYE EKUFANELEYO**

1 Ukukhetha ikhariye kuyenye yezinto ezinkulu ekufuneka sizenze ebomini. Ingxaki ekhoyo kukuba kumaxesha amaninzi singabantu sisoloko singakulungiselelanga oko. Loo nto yenze ukuba xa kufika ixesha lokukhetha iikhariye, sibe singaqinisekanga. Abantu bakhetha iikhariye ngenxa yezifundo abazifundiswa ezikolweni. Umzekelo, ukuba esikolweni kufundiswa izifundo zeSayensi, ezoQoqosho (commerce) okanye ezeeLwimi, abafundi baye bazibone sekufuneka bekhethe iikhariye ezihambelana nazo. Kudala ibibangabazali nootitshala abakhethela abantwana iikhariye amabazilandele. Kule mihla siphila kuyo, sibulela ubukho be-intanethi, kuba ngoku wonke umntwana uyakwazi ukuzifumanela ulwazi ngazo zonke iikhariye ezikhoyo, kunye nolwazi olwaneleyo malunga neendlela eziluncedo ngazo. Ude afumane ulwazi ngokufunwa ziiyunivesithi neekholeji, ngokubhekiselele kwiimfuno zokwamkelwa ukuze umntu afundele ezo khariye. <u>Akutshiwo ke kodwa ukuba iingcebiso zabazali nabantu abanolwazi mazingahoywa.</u>

2 Kukhuthazwa ukuba umntu akhethe ikhariye elungelene naye. Angakhethi ikhariye ethile umntu kuba ebona abahlobo bakhe, izizalwane kunye nabantu abathandayo bekuyo. Akufuneki nokuba umntu ayikhethe ikhariye kuba evuyisa abazali bakhe. Ikhariye oyikhethayo iza kuba yimpilo yakho! **Eyona nto ibalulekileyo kukuba xa umntu ekhetha ikhariye, makamamele intliziyo yakhe.** Acinge ngezinto anomdla kuzo. Umzekelo, izinto athanda ukuzenza nezinye izinto eziziimfuno ezihamba nekhariye leyo. Ezinye zeemfuno zidla ngokuba yimali ekhutshwayo kwizifundo zekhariye leyo; izinga lokudingeka kwabantu bayo kwimakethi; imali ehlawulwa abantu abenza loo msebenzi waloo khariye namathuba okukhula ngokomsebenzi.

3 Ngenene ukukhetha ikhariye kufuna umntu azazi ngokupheleleyo. UJames Nicholas ongumfundi webanga lesibhozo kwesinye sezikolo zeli uthetha athi, 'kwelam ikhaya wonke umntu ufundile. Utata ufunde izifundo ze-Information Technology kanti umama yena ngugqirha wamazinyo. Ubhuti wam ufundela ubugqirha eyunivesithi. Lilonke, bonke abantu basekhaya bakwicandelo leSayensi. <u>Mna</u> ndiza kufundela ukuba lichule lokulungisa nokuyila ngaphakathi (interior designer). Nangona ifemeli yam ingabantu beSayensi, ndahlukile kubo ngokwekhariye endijonge ukuyilandela. Ndizimisele ukulandela awam amaphupha nendikuthandayo. Bayandixhasa kakhulu ke ekhaya.'

Downloaded from Stanmorephysics.com

| | | |
|---|---|---|
| 4 | Abacebisi malunga neekhariye bagxininisa ukuba ukuyithanda okanye ukuyifundela ikhariye akwanelanga. Kufuneka umntu ajonge nezakhono ezifunekayo. Kungenzeka ke ukuba kufuneke umntu ayokufunda iikhosi ezimfutshane zokumxhobisa ngakumbi. Lilonke, ungumntu yikhethe kakuhle ikhariye kuba ibubomi oza kubuphila.<br><br>[Sithatyathwe kwi-www.phdessay.com saze saguqulelwa, salungiselelwa uviwo] | 40 |

JONGA KUMHLATHI 1

1.1.1 Yeyiphi ingxaki ekhoyo malunga nokukhetha ikhariye? (2)

1.1.2 Xela indima edlalwa zizikolo ekukhetheni kwabantu iikhariye? (1)

1.1.3 Ngoobani ababekhethela abantwana iikhariye kudala? (2)

1.1.4 Chonga amagama amabini alandelelanayo athetha ukuthi 'kula maxesha' kwesi sivakalisi silandelayo.

Kule mihla siphila kuyo, sibulela ubukho be-intanethi. (1)

1.1.5 Nika ngeengongoma eziNTATHU iindlela ebanceda ngazo abantwana i-intanethi ekukhetheni iikhariye. (3)

1.1.6 Yinyani okanye Asiyonyani ukuba esi sivakalisi sikrwelelwe umgca ngaphantsi kulo mhlathi sithi abantwana xa bekhetha iikhariye mabangabamameli abazali? Xhasa impendulo yakho. (2)

JONGA KUMHLATHI 2

1.1.7 Xela ukuba yintoni ekuthazwayo malunga nokukhetha ikhariye ngokwalo mhlathi. (1)

1.1.8 Nika izinto zibe MBINI ekuthiwa umntu makangazenzi xa ekhetha ikhariye. (2)

1.1.9 Khetha impendulo echanekileyo kwezi zilandelayo.

Igama, 'Eyona' kwisivakalisi esibhalwe ngqindilili kulo mhlathi linika intsingiselo yokuba le nto kuthethwa ngayo … kakhulu kunezinye.

A ayibalulekanga
B inkulu
C ibaluleke
D ayifuneki (1)

1.1.10 Kuthiwa yintoni eyona nto ibalulekileyo xa umntu ekhetha ikhariye? (1)

Downloaded from Stanmorephysics.com


JONGA KUMHLATHI 3

1.1.11 Nika ibanga afunda kulo uJames Nicholas. (1)

1.1.12 Ingaba unyanisile uJames xa athi yena wahlukile kubantu bakokwabo ngokwekhariye ajonge ukuyilandela? Xhasa impendulo yakho. (2)

1.1.13 Khetha impendulo echanekileyo kwezi zilandelayo:

Igama, 'Mna' elikrwelelwe umgca ngaphantsi kulo mhlathi libhekisa …

A kutata kaJames.
B kumama kaJames.
C kubhuti kaJames.
D kuJames Nicholas. (1)

1.1.14 Sazi njani ukuba abantu bakuloJames bayamxhasa kwikhariye ajonge ukuyilandela? (2)

JONGA KUMHLATHI 4


1.1.15 Uyavumelana nokuthethwa sesi sivakalisi singezantsi? Xhasa impendulo yakho.

Lilonke, ungumntu yikhethe kakuhle ikhariye kuba ibubomi oza kubuphila. (2)

Downloaded from Stanmorephysics.com

1.2 Qwalasela lo mfanekiso uze uphendule imibuzo elandelayo.

**ISICATSHULWA B: OKUBONWAYO**




[Uthatyathwe kwi-creazilla.net]

1.2.1 Nika izinto zibe MBINI ezixela ukuba aba bantu baseklasini. (2)

1.2.2 Yintoni ebonisa ukuba utitshala uza ukubhala ebhodini? (2)

1.2.3 Xhasa uluvo lokuba kufundiswa uJerry yedwa apha. (2)

**AMANQAKU ECANDELO A: 30**

Downloaded from Stanmorephysics.com

## ICANDELO B: USHWANKATHELO

### UMBUZO 2

Funda esi sicatshulwa simalunga nezinto omawuzenze ukuzigcina wonwabile ngamaxesha onke.

Bhala isishwakathelo NGEZINTO OMAWUZENZE UKUZIGCINA WONWABILE ngalo lonke ixesha.

**IMIYALELO:**

1. Bhala iingongoma EZISIXHENXE.
2. Sebenzisa amazwi akho kangangoko unakho.
3. Iingongoma zakho zinombole ukusuka ku-1 ukuya kwi-7.
4. Bhala ingongoma nganye kumgca omtsha.
5. Ushwankathelo lwakho oluneengongoma ezisixhenxe MALUNGADLULI KUMAGAMA ANGAMA-50.
6. Bonisa INANI LAMAGAMA OWASEBENZISILEYO EWONKE kwizibiyeli ekupheleni koshwankathelo.

**ISICATSHULWA C**

**HLALA WONWABILE NGAMAXESHA ONKE**

Ukutshintsha indlela ozibona ngayo izinto ebomini kungakwenza uhlale usemoyeni omhle, kwaye wonwabile ngamaxesha onke. Zigcine wonwabile ngokwenza ezi zinto zilandelayo:

Zama ukuba usoloko ubona icala elihle kuzo zonke iimeko zobomi. Akunawo amandla okulawula indlela ezenzeka ngayo izinto ebomini kodwa unakho ukulawula indlela ozithatha ngayo.

Zibulele kwaye uzivuyele zonke izinto ozifumanayo nothe wazenza ngempumelelo. Umzekelo, unokubhala uluhlu lwezinto ozibulelayo umane uzifunda. Ungazikhathazi ngezinto ongakwaziyo ukuzenza.

Chitha ixesha nabantu abancokola izinto ezikuncedayo nabakuxhasayo maxa onke. Akulunganga ukujikelezwa ngabantu abakutyhafisayo abangakunqweneleli okuhle. Abantu bazigqibela ulonwabo ngokusoloko behleli kwiindawo okanye nabantu abaneengcinga ezingekho ntle.

Zigcine ngokwenza imithambo nangokujima ukuze umzimba uphile nengqondo idlamke. Oko kwakukunceda ukuba womelele kwaye ube nomoya wokuzithemba.

Kukho izinto ezisikhathazayo ebomini kodwa sithule. Oko kwenza ukuba singonwabi. Zithethe iimvakalelo zakho ezibuhlungu kumntu omthembileyo ukuze wonwabe emoyeni.

Downloaded from Stanmorephysics.com

Phakamisa umoya wakho ngokuchitha ixesha phandle ngakumbi xa imozulu intle. Umzekelo, unokuhamba-hamba phandle ukupholisa ingqondo nokudlamkisa umzimba. Kuyonwabisa oko.

Qiniseka ukuba ulala ngokwaneleyo ukuze amandla egqondo avuseleleke. Ingqondo ibaphantsi koxinzelelo ke ifuna ukuphunyuzwa. Yakudinwa kakhulu luyaphela ulonwabo nodlamko.

Kuyinyani ukuba akunzimanga ebomini ukuzigcina wonwabile.

[Sithatyathwe kwi-thrivenewsletter.com saguqulelwa, salungiselelwa uviwo]

**AMANQAKU ECANDELO B: 10**

Downloaded from Stanmorephysics.com

## ICANDELO C: IZAKHI NEMIGAQO YOKUSETYENZISWA KOLWIMI

### UMBUZO 3: ISIBHENGEZO NTENGISO

Funda esi sibhengezo-ntengiso singezantsi uze uphendule imibuzo elandelayo.

**ISICATSHULWA D**




[Sithatyathwe kwi-Tescoadv.com, saguqulelwa]

3.1 Nika igama le mveliso ethengiswa kwesi sibhengezo-ntengiso. (1)

3.2 Kuthiwa iluncedo njani le mveliso? (2)

3.3 Ngokwakwesi sibhengezo-ntengiso uwavavanya njani amandla ale mveliso? (1)

3.4 Khetha impendulo echanekileyo kwezi zilandelayo:

Igama, 'Khawuzikrwempe' elilapha kwesi sibhengezo …

A liyacenga.
B liyancoma.
C liyagxeka.
D liyakhalaza. (1)

3.5 Libhekisa entweni igama, 'ayo' eli kwesi sibhengezo? (1)

3.6 Ucinga ukuba kutheni kusetyenziswe umfanekiso womntu? (2)

3.7 Ingaba ilungele bonke abantu le mveliso ithengiswa kwesi sibhengezo-ntengiso? Xhasa impendulo yakho. (2)

**[10]**

Downloaded from Stanmorephysics.com

**UMBUZO 4: IKHATHUNI**

Funda le khathuni ingezantsi uze uphendule imibuzo elandelayo.

**ISICATSHULWA E**




[Ithatyathwe kwi-careeronspotnet, yaze yalungiselelwa uviwo]

4.1 Kutheni uJimmy esithi makakuncame ukuba ngugqirha kwisakhelo soku-1? (2)

4.2 Uthetha nabani uJimmy kwisakhelo sesi-2 kuya kwesesi-4? (1)

4.3 Xela isixhobo esisetyenziswa nguJimmy ukukhangela ulwazi ngeekhariye. (1)

4.4 Ucinga ukuba kutheni izandla zikaJimmy zimi ngendlela efanayo kuzo zonke izakhelo? (2)

4.5 Khetha impendulo echanekileyo kwezi zilandelayo:

Igama 'yiminyakana' elikwisakhelo sesi-3 lithetha ukuba:

A Yiminyaka emininzi.
B Yiminyaka embalwa.
C Yiminyaka edlulileyo.
D Yiminyaka ezayo. (1)

4.6 Xela ukuba ukhetha eyiphi ikhariye uJimmy. (1)

4.7 Uyavumelana noJimmy ngendlela yokukhetha ikhariye? Xhasa impendulo yakho. (2)
**[10]**

Downloaded from Stanmorephysics.com

## UMBUZO 5: IPROZI

5.1 Funda esi sicatshulwa singezantsi uze uphendule imibuzo elandelayo.

**ISICATSHULWA F**

**UNCEDO NOBUNGOZI BOMLILO**

<u>Umlilo</u> ubaluleke kakhulu kwintlalo nakwimpilo yabantu jikelele. Thina bantu siwusebenzisa kakhulu ekufudumaliseni amakhaya ethu xa kubanda. Size siphinde sipheke ngawo ukutya kwethu. Xa kumnyama sisebenzisa wona ukwenza ukuba kukhanye. Nangona izibane ezi singenakutsho ukuba zingumlilo xa sizibiza, inyaniso kukuba zakhiwe emlilweni. Kwimihla yangaphambili, abantu babengenazibane koko bekhanyisa ngomlilo. Namhlanje sisebenzisa amakhandlela, izibane, igesi nombane ukukhanyisa. Amakhaya amaninzi asebenzisa ezi ndidi zintsha nasekuphekeni. Maxa wambi umlilo ulutshaba kuthi bantu. Xa kunokwenzeka ukuba umlilokazi ungacimeki, siyazi ukuba ungatshabalalisa yonke into. Ubungozi bomlilo abunganganto. Xa uthe awalawuleka utshabalalisa into eninzi: izindlu, izilwanyana nayo yonke into ephilayo ethe yasendleleni yawo. Umhlaba kwawona uyonakala kukutshiswa.

[Sithatyathwe kwincwadi, *Imvomvo*, NguKS Bongela nabanye, amaphepha 4–5]

5.1.1 Nika isinciphiso segama, 'Umlilo' elikrwelelwe umgca ngaphantsi kwisicatshulwa. (1)

5.1.2 Khetha impendulo echanekileyo kwezi zilandelayo:

Igama, 'kakhulu' elibhalwe ngqindilili kwisivakalisi: Umlilo ubaluleke **kakhulu** libonisa ukuba ubaluleke … umlilo.

A kanjani
B kangakanani
C ngokunjani
D kangaphi (1)

5.1.3 Nika imo elandulayo (isilanduli) yegama elikrwelelwe umgca ngaphantsi kwesi sivakalisi singezantsi.

Thina bantu <u>siwusebenzisa</u> kakhulu ekufudumaliseni ... (2)

5.1.4 Xela umsebenzi wegama elibhalwe ngqindilili kwesi sivakalisi singezantsi.

Thina bantu siwusebenzisa kakhulu umlilo **xa** kubanda. (2)

5.1.5 Lisesiphi isimelabizo igama elikrwelelwe umgca ngaphantsi?

Xa kumnyama sisebenzisa <u>wona</u> ukwenza ukukhanya. (1)

Downloaded from Stanmorephysics.com


5.1.6 Bhala esi sivakalisi singenzantsi sibe kwimo yesinye.

**Umzekelo: Izinja zitya ukutya.**
**Impendulo: Inja itya ukutya.**

Izibane ezi asinakutsho ukuba zingumlilo xa sizibiza. (2)

5.1.7 Chonga isimelabizo sokukhomba (isikhombisi) kwesi sivakalisi silandelayo.

Izibane ezi asinakutsho ukuba zingumlilo xa sizibiza. (1)

5.1.8 Nika umsebenzi wesimamva u-**kazi** esikrwelelwe umgca ngaphantsi kwesi sivakalisi silandelayo.

Xa umlilo<u>kazi</u> uthe awacimeka... (2)

5.1.9 Khetha isibizo esiyintloko nesiyinjongosenzi kwesi sivakalisi silandelayo.

Umlilo uyawutshabalalisa nawo umhlaba.

Cwangcisa impendulo yakho ngolu hlobo:

(a) Isibizo esiyintloko. (1)

(b) Isibizo esiyinjongosenzi. (1)

Downloaded from Stanmorephysics.com


5.2 Qwalasela lo mfanekiso ungezantsi uze uphendule imibuzo elandelayo.

**ISICATSHULWA G**




[Uthatyathwe kwi-iStock-ghetty images, waza walungiselelwa uviwo]

5.2.1 Yakha isivakalisi ngokwenzeka kulo mfanekiso uqale ngegama:

Incwadi … (2)

5.2.2 Bhala esi sivakalisi silandelayo sibe kwixesha langoku.

**Umzekelo: Umntwana uya kulala.**
**Impendulo: Umntwana uyalala.**

Sobabini siza kuba ngabaqhubi beenqwelomoya. (2)

5.2.3 Sebenzisa igama 'Mna' endaweni yegama 'Sobabini' kwesi sivakalisi silandelayo, ze usibhale sichaneke.

Sobabini siza kuba ngabaqhubi. (2)
**[20]**

**AMANQAKU ECANDELO C: 40**
**AMANQAKU EWONKE: 80**

Downloaded from Stanmorephysics.com

## ICANDELO A: UVAVANYO LOKUQONDA

## IMIGAQO YOKUMAKISHA UVAVANYO LOKUQONDA

1. Ngenxa yokuba kugxininiswa kukuqonda, upelo olungachanekanga neziphene zolwimi kwiimpendulo kumele zingohlwayelwa ngaphandle kokuba ezo ziphene zitshintsha intsingiselo/ukuqonda. (Kuseyimfuneko ukuba iziphene zibonakaliswe.)

2. Ukuba umviwa usebenzisa olunye ulwimi olungelulo olu luviwayo, loo magama mawangananzwa, kwaye ukuba impendulo isavakala ilungile, musa ukumohlwaya. Ukanti ke, ukuba igama elisetyenzisiweyo lisuka kolunye ulwimi kwitekisi kwaye liyayincedisa impendulo, oku kuya kwamkeleka.

3. Ngokubhekiselele **kwimibuzo emalunga noluvo neengcinga zomviwa,** akukho manqaku anikwayo kwiimpendulo ezingu-EWE/HAYI, noNDIYAVUMELANA/ANDIVUMELANI. Isizathu/Ukunika ubungqina/ nokuxhasa zizo ezimele ukuqwalaselwa.

4. Akukho manqaku anikwayo kwiimpendulo ezingu-YINYANISO/BUBUXOKI, noYINYANI/LULUVO. Ukunika isizathu/Ukunika ubungqina/ukuxhasa kukona makuqwalaselwe.

5. Xa impendulo efunwayo iligama elinye, aze umviwa anike impendulo esisivakalisi esipheleleyo, oku makumakishwe njengokuchanekileyo **kuphela xa** igama elichanekileyo likrwelelwe umgca ngaphantsi/ligqanyisiwe.

6. Ukuba kufunwa iimpendulo ezimbini ukuya kwisithathu/amanqaku amabini okanye amathathu, aze umviwa anike ezingaphaya kweziqingqiweyo, makisha **kuphela** isibini okanye isithathu **sokuqala**.

7. Kwamkele ukusetyenziswa kweelwimi zengingqi ezahlukileyo.

8. Ngokubhekiselele kwimibuzo ekhethisa impendulo echanekileyo, yamkela ngolu hlobo: Unobumba ohambelana nempendulo echanekileyo OKANYE impendulo ebhalwe ngokupheleleyo.

Downloaded from Stanmorephysics.com


## ICANDELO A: UVAVANYO LOKUQONDA

### UMBUZO 1

1.1 1.1.1 Yeyokuba singabantu sisoloko singakulungiselelanga ukukhetha ikhariye√√/ xa lifika ixesha lokukhetha ikhariye abafundi basoloko bengaqinisekanga.√√ (2)

1.1.2 Zidlala indima ngezifundo ezibafundisa zona abantu.√ (1)

1.1.3 Ngabazali√ nootitshala.√ (2)

1.1.4 Kule mihla.√ (1)

1.1.5 Ngokufumana ulwazi ngeekhariye ezikhoyo.√
Ngolwazi olwaneleyo malunga neendlela eziluncedo ngazo iikhariye.√
Ngolwazi olumalunga nokufunwa ziiyunivesithi neekholeji ngokubhekiselele kwiimfuno zokwamkelwa ukuze umntu afundele ezo khariye.√ (3)

1.1.6 Asiyonyani kuba sithi akutshiwo ukuba iingcebiso zabazali mazingahoywa.√√ (2)

1.1.7 Kukuba umntu akhethe ikhariye elungelene naye.√ (1)

1.1.8 Kukukhetha ikhariye kuba ebona abahlobo bakhe bekuyo√/kuba izizalwane zikuyo√/ kuba ebona abantu abathandayo bekuyo√/ kuba evuyisa abazali bakhe.√

[Nasiphi isibini kwezi.] (2)

1.1.9 C√/C ibaluleke kakhulu kunezinye√/ ibaluleke kakhulu kunezinye.√ (1)

1.1.10 Kukumamela intliziyo yakhe√/ acinge ngezinto anomdla kuzo.√ (1)

1.1.11 Libanga lesibhozo.√ (1)

1.1.12 Unyanisile kuba abantu bakokwabo balandele iikhariye ezikwicandelo leSayensi kanti yena uza kufundela ukuba lichule lokulungisa nokuyila ngaphakathi√√/ kuba ulandela iphupha lakhe. √√ (2)

1.1.13 D√/ D kuJames Nicholas√/ kuJames Nicholas.√ (1)

1.1.14 Siva kwesi sicatshulwa xa athi bayamxhasa kakhulu kokwabo√√/ kubhalwe "Bayandixhasa kakhulu ekhaya".√√ (2)

Downloaded from Stanmorephysics.com


1.1.15 Ndiyavumelana kuba ikhariye oyikhethileyo yile uza kuyenza njengomsebenzi wakho wemihla ngemihla ngoko ke kufuneka ibe yile nto ikulungeleyo kwaye uyithandayo kuba ibubomi bakho.√√

**OKANYE**

Andivumelani kuba umsebenzi awuyompilo yakho koko uyinxalenye yayo ngoko ke nokuba wenza wuphi umsebenzi unokukwazi ukuwubeka ecaleni uphile impilo yakho√√/unempilo ngaphaya, nangaphandle komsebenzi owenzayo.√√

[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (2)

**ISICATSHULWA B: OKUBONWAYO**

**UMBUZO 1.2**

**OKUBONWAYO**

1.2 1.2.1 Yibhodi yokubhala√/yidasta√/ngutitshala omi phambi kwebhodi√/ sisitulonedesika√/ziincwadi√/nguJerryohleli edesikeni√/itshokhwe.√

[Nasiphi isibini kwezi.] (2)

1.2.2 Ubambe isixhobo sokubhala ebhodini√√/ubambe itshokhwe kwaye uyijongise ebhodini.√√ (2)

1.2.3 Kunjalo kuba nguye yedwa olapha kwaye akukho needesika ezizezinye ngaphandle kwale ihleli yena.√√

[Nayiphi na impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (2)

**AMANQAKU ECANDELO A: 30**

Downloaded from Stanmorephysics.com


**ICANDELO B: USHWANKATHELO**

**UMBUZO 2**

**Ukumakisha ushwankathelo**

- **Ulwabiwo-manqaku**
  - Amanqaku asi-7 ngeengongoma ezisi-7. (Inqaku elinye ngengongoma nganye).
  - Amanqaku ama-3 olwimi.
  - Amanqaku ewonke: 10

- **Ulwabiwo lwamanqaku olwimi xa umfundi engacaphulanga ngqo.**
  - 1–3 iingongoma ezichanekileyo: Nika inqaku eli-1.
  - 4–5 iingongoma ezichanekileyo: Nika amanqaku ama-2.
  - 6–7 iingongoma ezichanekileyo: Nika amanqaku ama-3.

- **Ulwabiwo lwamanqaku olwimi xa umfundi ecaphule ngqo.**
  - 6–7 iingongoma ezicatshulwe ngqo: Akunikezwa manqaku olwimi.
  - 4–5 iingongoma ezicatshulwe ngqo: Kunikezwa inqaku eli-1 lolwimi.
  - 2–3 iingongoma ezicatshulwe ngqo: Kunikezwa amanqaku ama-2 olwimi.

**QAPHELA:**

- **Ifomathi:**
  - Nokuba isishwankathelo asilandelanga fomathi echanekileyo makanganyityelwa manqaku umviwa.

- **Ubalo-magama:**
  - Abakorekishi kulindeleke ukuba baliqinisekise inani lamagama asetyenzisiweyo.
  - Musa ukuthabatha amanqaku ukuba umlingwa akalibonakalisanga inani lamagama asetyenzisiweyo okanye ukuba inani lamagama libonakaliswe ngokungachanekanga.
  - Ukuba udlule kwinani eliqingqiweyo, funda ukuya kumagama ama-5 ngaphezulu kwaqingqiweyo ungawahoyi alandelayo. (3)

Downloaded from Stanmorephysics.com


| **IINGONGOMA EZICATSHULWE NGQO** | | **IINGONGOMA EZISHWANKATHELWEYO** | |
|---|---|---|---|
| 1. | 'Zama ukuba usoloko ubona icala elihle kuzo zonke iimeko zobomi.' | 1. | Sebenzela ukuba ubone okuhle kwizinto zobomini. |
| 2. | 'Zibulele kwaye uzivuyele zonke izinto ozifumanayo nothe wazenza ngempumelelo.' | 2. | Zincome ngako konke othe wakuzuza nokwenze ngempumelelo. |
| 3. | 'Chitha ixesha nabantu abancokola izinto ezikuncedayo nabakuxhasayo maxa onke.' | 3. | Lonke ixesha hlala nabantu abathetha izinto ezikwakhayo nabakuncedayo. |
| 4. | 'Zigcine ngokwenza imithambo nangokujima ukuze umzimba uphile nengqondo idlamke.' | 4. | Hlala uzilolonga ukuze umzimba ubesempilweni nengqondo ihlaziyeke. |
| 5. | 'Zithethe iimvakalelo zakho ezibuhlungu kumntu omthembileyo ukuze wonwabe emoyeni.' | 5. | Phalaza iimvakalelo zakho ezingemnandi emntwini omthembileyo ze wonwabe. |
| 6. | 'Phakamisa umoya wakho ngokuchitha ixesha phandle ngakumbi xa imozulu intle.' | 6. | Nyusa umoya wakho ngokuzibethisa ngomoya xa imozulu intle. |
| 7. | 'Qiniseka ukuba ulala ngokwaneleyo ukuze amandla egqondo avuseleleke.' | 7. | Hlaziya amandla engqondo ngokulala ngokwaneleyo. |

(**Amagama angama-64.)** (**Amagama angama-49.)**

**AMANQAKU ECANDELO B: 10**

Downloaded from Stanmorephysics.com


**ICANDELO C: ULWIMI**

**UKUMAKISHA ICANDELO C**

1. Upelo
   - Iimpendulo ezingoogama-nye/eziligama elinye mazimakishwe njengezichanekileyo nokuba upelo aluchanekanga, ngaphandle kokuba isiphene silahla intsingiselo efunwayo yegama.
   - Kwiimpendulo ezizizivakalisi ezipheleleyo, upelo olungachanekanga luya kohlwayelwa xa isiphene sikweso sakhi solwimi sivavanywayo.
   - Xa uvavanyo lujoliswe kwisifinyezo, impendulo iya kwamkeleka xa iimpawu zobhalo zichanekile.

2. Izakhi zezivakalisi kufuneka zichaneke kwaye zisetyenziswe kwizivakalisi ezipheleleyo/njengoko umbuzo uyalela.

3. Ngokubhekiselele kwimibuzo ekhethisa impendulo echanekileyo, yamkela ngolu hlobo: Unobumba ohambelana nempendulo echanekileyo OKANYE impendulo ebhalwe ngokupheleleyo, okanye zombini.

**UMBUZO 3**

3.1 Yi-vaseline.√ (1)

3.2 Ngokuphilisa isikhumba esomileyo.√√ (2)

3.3 Ngokuthi uzikrwempe√/ukrwele isikhumba.√ (1)

3.4 A√/A liyacenga√ liyacenga.√ (1)

3.5 Kwi-vaseline√/kule mveliso ithengiswayo.√ (1)

3.6 Kwenzelwa ukuba umthengi abone ukuba i-vaseline inceda ukoma kwesikhumba somntu√√/isetyenziswa ngabantu√√/ ukubonisa amandla evaseline emntwini.

[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (2)

3.7 Ayilungelanga bonke abantu kuba kuthiwa inceda ukuphilisa isikhumba esomileyo ngoko ke ilungele abo bantu banaloo ngxaki√√/kuba umfanekiso osetyenzisiweyo ngowenenekazi ngoko ke ayibalungelanga abantwana okanye abantu abangamadoda.√√

**OKANYE**

Ilungele bonke abantu xa inceda isikhumba esomileyo kuba wonke umntu ukhe omelwe sisikhumba ngezizathu ezahlukileyo.√√

[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (2)
**[10]**

Downloaded from Stanmorephysics.com


**UMBUZO 4**

4.1 Kungokuba kuza kumenza afunde iminyaka emininzi√√/akafuni kufunda iminyaka emininzi.√√ (2)

4.2 Uthetha nomntu osefowunini√/ uthetha nomntu okwikhompyutha√/ uthetha nomhlobo√/ uthetha nomntu okwireyidiyo√/ uthetha ne-App esefowunini.√ (1)

4.3 Yikhompyutha√/ yi-intanethi.√ (1)

4.4 Kungokuba ucofa iqhosha lekhompyutha ngomnwe omnye kuphela√√/usebenzisa umnwe omnye kuphela ukucofa ikhompyutha√√/ usoloko ecofa amaqhosha ngazo.√√/ usacinga.√√/usafunda okubhalwe kwikhompyutha.√√/ ucofa amaqhosha amanye ekhompyutha√√/ usamamele umhlobo wakhe.√√

[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (2)

4.5 B√/B Yiminyaka embalwa√/Yiminyaka embalwa.√ (1)

4.6 Eyokuba ngumcebisi ngezobomi.√ (1)

4.7 Andivumelani kuba ukukhetha ikhariye akujongi ukuba yiminyaka emingaphi ukuyifundela koko ujonga ekufaneleyo noyithandayo ngokokuzazi kwakho.√√

**OKANYE**

Ndiyavumelana kuba ngamanye amaxesha akulula ukukhetha ikhariye eza kukugcina iminyaka emininzi esikolweni de uphume sele ugqithile nakwiminyaka ekuvumela lula ukuba uqeshwe okanye engummiselo weemfuno zokuqeshwa kuyo√√/ kuba ungangabi namali yaneleyo eza yokuhlawulela iminyaka eminizi ufundela loo khariye.√√

[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (2)
**[10]**

Downloaded from Stanmorephysics.com


**UMBUZO 5**

| | | | |
|---|---|---|---|
| 5.1 | 5.1.1 | Umlilw<u>ana</u>√ | (1) |
| | 5.1.2 | B√/B kangakanani√/kangakanani.√ | (1) |
| | 5.1.3 | <u>a</u>√siwusebenzis<u>i</u>√ | (2) |
| | 5.1.4 | Lidibanise izivakalisi ezibini zasisivakalisi esinye.√√ | (2) |
| | 5.1.5 | Lisisimelabizo soqobo.√ | (1) |
| | 5.1.6 | I<u>s</u>ibane e<u>s</u>i asinakutsho ukuba <u>s</u>ingumlilo xa si<u>s</u>ibiza√√/ isibane esi andinakutsho xa ndisibiza.√√ | (2) |
| | 5.1.7 | … ezi√ | (1) |
| | 5.1.8 | Kukubonisa ubukhulu√√/kukwakha isandiso.√√ | (2) |
| | 5.1.9 | a. umlilo√<br>b. umhlaba√ | (1)<br>(1) |
| 5.2 | 5.2.1 | Incwadi ivulwe ngabantwana.√√/Incwadi ifundwa ngabantwana.√√<br><br>[Nasiphi isivakalisi esiqalwe ngegama 'incwadi' saze sanika intsingiselo echanekileyo siya kwamkeleka.] | (2) |
| | 5.2.2 | Sobabini <u>singabaqhub</u>i beenqwelomoya.√√ | (2) |
| | 5.2.3 | Mna <u>nd</u>iza√ kuba <u>ngum</u>qhubi.√ | (2)<br>**[20]** |

**AMANQAKU ECANDELO C: 40**
**AMANQAKU EWONKE: 80**